PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VAKALISA ULUVO LWAKHO

ISIMEMO SOKUNGENISA IZIMVO ZOLUNTU

UMTHETHO-SIHLOMELO OYILWAYO WONGCOLISEKO LWASELWANDLE (UKUTHINTELWA KONGCOLISEKO OLUBANGELWA ZIINQANAWE). [B 5 – 2022]

IKomiti yeMicimbi yezoThutho imema abantu abanomdla kunye nabachaphazelekayo ukuba bangenise izimvo zabo ezibhaliweyo ezimalunga **noMthetho-siHlomelo oYilwayo woNgcoliseko lwaseLwandle (ukuThintelwa koNgcoliseko olubangelwa ziiNqanawe) [B 5 -2022].**

Injongo yalo Mthetho uYilwayo yile: • ukuhlomela uMthetho woNgcoliseko lwaseLwandle (ukuThintelwa koNgcoliseko olubangelwa ziiNqanawe), wowe-1986, ngoko ukuze kufezekiswe iSihlomelo IV seNgqungquthela yeZizwe ngeZizwe yokuThintelwa koNgcoliseko olubangelwa ziiNqanawa • ukubandakanya isivumelwano sowe-1997 ukuze kuphunyezwe iSihlomelo VI seNgqungquthela; kwaye • kukubonelela ngemiba enxulumene noko.

Imibuzo ngoku njalo neziphakamiso ezibhaliweyo zingathunyelwa kwiKomiti yeMicimbi yezoThutho (**kuValerie Carelse**) kule dilesi yemeyile **marinepollutionbill@parliament.gov.za** . Ukwangeza kwiziphakamiso ezibhaliweyo, nceda wazise iKomiti ukuba unomnqweno wokuhlomla.

Umhla wokugqibela wokungeniswa kweziphakamiso 21 kweyeDwarha 2022.

Iikopi zalo mthetho zingafumaneka kuValerie Carelse kule nombolo yeselula - 083 709 8445 okanye www.parliament.gov.za.

Ikhutshwe nguMnu M J Zwane, iLungu lePalamente, uSihlalo weKomiti yeMicimbi yeSebe lezoThutho

Parliament – Following up on our commitments to the People
– Making your future work better